



Molo Mhlaba School

LANGUAGE POLICY

ISIQULUNQO SOMGAQO-NKQUBO WOLWIMI

INTSHAYELELO/PREAMBLE

- Lo mgaqo-nkqubo uqulunqwe ngokuhambelana nezibonelelo zoMgaqo-Siseko waseMzantsi Afrika, iSchools Act (Act 84 of 1996) yaseMzantsi Afrika, nomgaqo-nkqubo wolwimi kwezemfundo iLanguage in Education Policy (LiEP) yama1997.
This policy is drafted in accordance with the provisions of the Constitution of South Africa, the South African Schools Act (Act 84 of 1996), and the Language in Education Policy (LiEP) of 1997.
- Imiselwa yiBhodi yesikolo kwaye uya kuqinisekiswa ngabazali.
It is determined by the Board and will be ratified by parents.

Iinjongo/Aims

- Ukuququzelela unxibelelwano ngaphaya kwemida yebala, ulwimi, umgangatho kwezentlalo nemida ngokwenkolo.
To facilitate communication across barriers of colour, language, class and religion.
- Ukulandela umgaqo-nkqubo wolwimi oxhasa ngamandla uphuhliso lwengqiqo gabalala noxabisa inzuzo yokudala ukuqonda eyenziwa yimo yobulwimi-mbini.
To pursue the language policy that is most supportive of general conceptual growth and to capitalise on the benefits of bilingualism for meaning-making.
- Ukuvala izithintelo ezidalwa kukungahambisa phakathi kolwimi lwasekhaya nolwimi lokufunda nokufundisa, iLOLT.
To counter disadvantages resulting from different kinds of mismatches between Home language and LOLT.
- Ukuphuhlisa iinkqubo zokukhuthaza iilwimi ezazikade zingathathelwa ngqalelo.
To develop programmes for promotion of previously disadvantaged languages.
- Ukuphuhlisa imodeli yemfundo ngalwimi-mbini kwiilokishi zasezidolophini inako ukusetyenziswa nakwezinye imeko ezifanayo.
To develop a model of bilingual education in urban townships that can be replicable in similar contexts.
- Ukuphuhlisa amagama nedlela yokuthetha ehloniphayo nengacaluliyo ngokwesini.
To develop a language that is gender sensitive and inclusive.

Ulwimi lokufunda nokufundisa/Language of Teaching and Learning

1. Sisisikolo esifundisa ngalwimi-Mbini
We are a Dual Medium School
2. Iilwimi zokufundisa sisiXhosa nesiNgesi kuwo onke amabanga nakuzo zonke izifundo



Molo Mhlaba School

The medium of instruction in all grades is isiXhosa and English for content subjects.

3. Kufanele ukuba ootitshala babelwimi-mbini, bathethe isiXhosa nesiNgesi, ukuthithela ukungahambisani phakathi kweelwimi ezithethwa ngabantawana nezithethwa ngootitshala Teachers should be bilingual isiXhosa-English speaking to avoid mismatches between languages spoken by children and those spoken by teachers.
4. Zombini ezi lwimii ziza kufumana ixesha nezancedisi ezifanelekileyo ngokungenamkhethe Both languages shall receive equitable time and resources.

Ilwimi njengezifundo/Languages as Subjects

- Kuza kubasisinyazeliso ukuba bonke abafundi bafunde isiXhosa nesiNgesi njengezifundo zoLwimi lwaseKhaya, iHome Language, kumaBanga R-7.
It will be compulsory for all learners to study IsiXhosa and English as Home Language subjects from Grade R- 7.

Ukhuselo lwamalungelo omfundi/Protection of the Rights of Learners.

1. Amalungelo abafundi abasele bekumqulu wokufundiswa ngesiXhosa nesiNgesi aza kukhuselwa. / The rights of learners already on the roll to be taught through medium of IsiXhosa and English will be protected.

Ulwimi lohlolo/Language of Assessment

- Zombini ezi lwimi ziza kuba zilwimi zoHlolo kwizifundo zemixholo.
Both languages will be the languages of Assessment in content subjects.
- Kuza kubakho uphononongo oluqhubayo noqwalaselo lwesilabhasi neendlela zokwenza ezisetyenziswayo ekufundiseni ngeelwimi zombini.
There will be an ongoing evaluation and review of the syllabi and methodologies used in the teaching of both languages.
- Ilwimi njengezifundo ezizimeleyo ziza kuhlolwa ngolwimi lweso sifundo nangona ngalwimi-mbini kwimisebenzi ebandakanya inguqulelo yeetekisi.
Languages as subjects will be assessed in the language of the subject though there might be bilingual assessment involving translation of texts.
- Zombini ezi lwimi, isiXhosa nesiNgesi, kufuneka zifumane uhlobo olupheleleyo, kwimviwo, iiprojekthi, imisebenzi yesikolo yasekhaya, iiripoti neminye imisebenzi ebhalwayo, njalo njalo.
Both languages, isiXhosa and English should enjoy full assessments, in tests, projects, homework, reports and other written work etc.



Molo Mhlaba School

Ukwakha imeko evumela iilwimi ezininzi/Creating a Multilingual environment

- Ukukhuthaza indlela yokwenza engathathi icala kubalulekile kwimigaqo yaseMolo Mhlaba. Promotion of an anti-bias approach is integral to Molo Mhlaba Schools ethos.
- Ootitshala bayakhuthazwa ukuba badale iiklasi ezilwimi-ninzi – kufanele ukuba inkangeleko yeklasi ibonakalise iilwimi ezehlukeneyo ezithethwa ngabafundi nakuba zingamiselwanga njengeelwimi zokufunda nokufundisa, iiLOLT. Teachers are being encouraged to create multilingual classrooms - the visual environment should reflect the different languages spoken by the learners even if they are not LOLTS.
- Ootitshala bayakhuthazwa ukuba baphuhlise izifundo ezingalwimi-ninzi - besebenza ngomxholo othile, abantu abathetha ilwimi ezithile ezilwimi zabo zenkobe baza kukhuthazawa ukuba benze igalelo ngeelwimi zabo kwaye bafundise abanye abafundi. Teachers are encouraged to develop multilingual lessons- working around a theme, mother tongue speakers of different languages will be encouraged to contribute in their languages and teach other learners.
- Abasebenzi baza kwenza iinzame zokufunda, ukulesa, ukubhala nokuthetha ngesiXhosa nesiNgesi kwaye uqeqesho luza kunikezwa njengenxalenye yophuhliso lobugcisa bobutitshala oluqhubayo. Staff to make a conscious effort to learn, read, write and converse in isiXhosa and English and training will be offered as part of on-going teacher professional development.
- Kuza kwakhiwa amaqela oLwimi ukuze abantwana baqhelaniswe nezinye iilwimi ngaphandle kweeLOLT nezifundo. Ezi lwimi zingaquka iSesotho, iNtetho yeZandla neKiswahili. Language clubs will be created to expose children to languages other than the LOLTs and Subjects. These languages could include Sesotho, Sign Language and Kiswahili.
- Kuza kudalwa indlela yokwenza exhobisa amalungu esikolo ukuba azingce ngeelwimi zabo zasekhaya. Create a culture that empowers members of our school community to take pride in their home language.

Ulwimi loqhagamshelwano/ Language of communication

- Umphathi wesikolo, inqununu, nabasebenzi baza kunxibelelana ngalwimi-mbini kwiintlanganiso zabasebenzi neentlanganiso zoluleko. Nakuba izilumkiso zomlomo zingenziwa ngalwimi-mbini, amanqaku entlanganiso nokuthethiweyo kwintlanganiso kuyakubhalwa ngenye yeelwimi zokufunda nokufundisa kwaye inguqulelo ngolunye ulwimi ingenziwa xa kuvela isidingo. The school's director, principal, staff members will communicate bilingually in staff meetings and disciplinary hearings. Though verbal communication might be done bilingually, minutes and notes will be captured in one of the languages of teaching and learning and can be translated to another language if a need arises.



Molo Mhlaba School

- iMolo Mhlaba izinikela ekwenzeni unxibelelwano ngalwimi-mbini, isiXhosa-isiNgesi, nabazali, abantwana namalungu esikolo kwaye, ngokuxhomekeka kumthamo wexwebhu, siza kunxibelelana ngalwimi-mbini nesebe lezemfundo laseNtshona Kapa iWCED. Molo Mhlaba endeavours to use isiXhosa-English bilingual communication with parents, the children and the school community and depending on how big the document is, we will communicate bilingually with the WCED.
- Unxibelelwano nabanikelayo, abaxhasi-ngemali, nesebe luza kwenziwa ngesiNgesi. Communication with donors, funders, and the department will be done through English.
- Siza kuzabalazela ukubanemigaqo-nkqubo neeleta zeendaba ezingalwimi-mbini. We will endeavour to have bilingual policies and newsletters